
UGqirha uImtiaz Ismail Sooliman wazalelwa wakhulela kwidolophu yasePotshefstroom, kwiphondo laseMntla-Ntshona, nalapho afunde khona amabanga aphantsi. Amabanga aphakamileyo uwafunde kwikholeji yaseSastri, eThekwini, kwiphondo iKwaZulu-Natal. UGqirha uSooliman wenze iziqinisekiso zakhe zobugqirha wafumana isidanga kwiDyunivesithi yaseNatal.





Wasebenza wade wazimela wazivulela eyakhe iofisi, eMgungundlovu, apho wayenceda iindidi zonke zabantu, engajiki mntu udinga uncedo. Inkolo yakhe yobuSilamsi yamkhokelelela ekubeni akuxabise ukunceda abantu abasweleyo nabasezingxakini ezahlukeneyo.

Emva kotyelelo lwakhe kwilizwe laseThekhi ngonyaka ka-1992, umcebisi noMfundisi wakhe waba nombono ngaye. Wamxelela ukuba umbona esakha umbutho ozakunceda iindidi zonke zabantu. Wamxelela ukuba loo mbutho awujongi mbuso, nkolo, zimvo zapolitiko okanye bala lamntu. Awujongi nokuba uhluphekile okanye usisityebi na. UMfundisi wambona umfundi wakhe ebakhonza abantu, ngokungazenzisiyo.





Asakuba neminyaka engama30 wabuyela eMzantsi Afrika wazibeka phantsi izixhobo zobuGqirha, waqalisa umbutho wokunceda abantu. Lo mbutho wawubizwa ngokuba yi '*The Gift of the Givers'* othetha isipho sabanikelayo.

Njengokuba waba nombono uMfundisi wakhe, umbutho kaSooliman unceda abantu ngandlela zonke esebenza kumazwe ngamazwe apho kukho iintlekele enceda ngokuthumela amaqela ohlangulo  nezixhobo zokunceda. Kwezinye iindawo uye ubonelele ngokutya, maxa wambi athumele oogqirha nabongi ukuze bancede abo bonzakeleyo.







Abantu baseMzantsi Afrika bazuza lukhulu kulo mbutho. Kwiindawo ezingenamanzi, apho abantu basela amanzi amdaka okanye bahamba umgama omde ukuya kukha amanzi, uvelile lo mbutho. Abe-Gift of the Givers bafika bomba amanzi phantsi komhlaba ngoomatshini.

Lo mbutho ukwanceda nezikolo eziswele izindlu zangasese namanzi. Bafika kuzo benze umahluko omkhulu, okhuthaza abantwana ukuba beze esikolweni. Kwezinye iindawo bafika bakhe izibhedlele neekliniki ukuze abantu bafumane impilo. Akukho ndawo bakhe bathi abayi kuyo.






Uxhaswa kakhulu ngabantu uGqirha Sooliman nombutho wakhe. Abanye baseka ngenkxasomali, abanye basebenzisa amandla abo xa kusetyenzwa kuncedwa abantu.

Mbombo zone zeli, usematheni lo mbutho. Bayawuthanda kwaye bayawuxhasa bencoma uGqirha u-Imtiaz Sooliman ngokulunga nokuba nesisa kwakhe.

Esona sifundo sikhulu ngobomi bukaGqirha Sooliman luthando. Indlela abuphila ngayo ubomi bakhe ikhuthaza uthando kubantu bonke jikelele. Usifundisa ukukwazi ukumcingela omnye umntu. Ukwasifundisa nokubaluleka kokuncedana singabantu.



Ukuba singazama sonke sikwazi ukumisa uthando phezu kwezinto zonke, singahlala ngoxolo emhlabeni.